

# NAL'IBALI

**Yenza ukufunda kube yinxalenye yobomi bosapho lwakho bemihla ngemihla**

Ingaba usapho lwakho lufunda rhoqo? Ingaba amabali ayinxalenye yobomi bemihla ngemihla bosapho? Kwiindawo zonke zelizwe, abazali nabantu abadlala indima yobuzali babonwa njengabona bakhathaleli nootitshala bokuqala babantwana babo. Bayabakhusela abantwana babo baze basebenze nzima ukuqinisekisa ukukhula kwabo okulungileyo. Ukwabelana rhoqo nabantwana ngeencwadi namabali yenye yeendlela ezibalulekileyo zokuhlumisa ukukhulisa kakuhle abantwana.

**Make reading a part of your family's daily life**

Does your family read regularly? Are stories part of your family's daily life? In all parts of the world, parents and parental figures are seen as the primary caregivers and teachers of their children. They protect their children and work hard to ensure their positive development. Regularly sharing books and stories with children is one of the most important ways to boost children's positive development.

**Ndikwenza njani ukufunda konwabise?**

Ukuba abantwana bakho bafunda kuphela esikolweni naxa besenza umsebenzi wesikolo wasekhaya, ngoko ke baza kufunda ukunxulumanisa ukufunda nomsebenzi, hayi nokonwaba. Kufuneka sibafunde abantwana ukuba sifuna bafunde ukuba ukufunda kunokuba mnandi yaye konwabise. Oku kuza kubakhuthaza ukuba bafunde ukufunda – baze bafunde nangakumbi. Xa ubafundela abantwana bakho, ubanceda ukuba bakhe ubuhlobo banaphakade neencwadi nokufunda. Kukho ngokunjalo izifundo zophando ezininzi ezibonisa ukuba ngokuya abantwana befunda ekhaya, kokukhona beqhuba kakuhle esikolweni.

**How do I make reading enjoyable?**

If your children only read at school and when they do homework, then they will learn to link reading with work and not with pleasure. We need to read to our children if we want them to learn that reading can be enjoyable and entertaining. This will inspire them to *want* to read – and then to read more and more. When you read to your children, you help them to build a lifelong relationship with books and reading. There are also lots of research studies to show that the more children read at home, the better they do at school.

**Ndikwenza njani ukuba ukufunda kube yinxalenye yobomi bosapho lwam bemihla ngemihla?**

- Yiba ngumzekelo. Xa abantwana bakho bekubona ufunda rhoqo, bafunda ukuba ukufunda kubalulekile! Thetha nabantwana bakho ngento oyifundayo uze ubakhuthaze babuze imibuzo ngayo.
- Bafunde. Hlala nabantwana bakho nize nonwabele incwadi kunye – nize nikwenze oku yonke imihla! Ukuchitha kunye ixesha nizolile, niphumle logama nifunda kukunceda ukuba unxibelelane nabantwana bakho.
- Phuhlisa ukuzithemba kwabantwana. Xabisa amalinge abantwana bakho okufunda, ngolu hlobo wawuxabise ngayo amagama abo okuqala! Banike inkxaso eninzi ukuphuhlisa ukuzithemba – eso sisiqingatha sedabi lokufunda. Mabakhethe into abafuna ukuyifunda nokuba inobunzinyana kubo. Phulaphula ukufunda kwabo uze wonwabele nje ukubaphulaphula, ngaphandle kokubalungisa, ngaphandle kokuba bacela uncedo lwakho.

**How do I make reading part of my family's daily life?**

- Be a role model. When your children see you reading on a regular basis, they learn that reading is important! Talk to your children about what you are reading and encourage them to ask questions about it.
- Read to them. Sit with your children and enjoy a book together – and then do this every day! Spending quiet, relaxing times together while you read helps you connect with your children.
- Develop children's confidence. Value your children's attempts to read, just like you valued their first words! Give them lots of support to develop their confidence – that's half the battle with learning. Let them choose something that they want to read even if it is a little difficult for them. Listen to their reading and just enjoy listening to them, without correcting them, unless they ask for your help.

**EyeThupha yiNyanga yaManina!**  
Kutheni ungakhuthazi usapho lwakho ukuba lufunde iincwadi namabali abhalwe ngamanina okanye anabalinganiswa abaziintoko abangamanina abakhuthazayo?

**August is Women's Month!**  
Why not encourage your family to read books and stories written by women or that feature inspiring women as main characters?



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.





# Imbewu yeLitherasi!

**Xa ootata benceda ukukhathalela abantwana babo, bobabini bayaphumelela!**

## Literacy Seeds!

**When fathers help care for their children, both win!**



Unxibelelwano oluhle phakathi kotata nomntwana wakhe lunefuthe elinzulu nelingapheliyo kuphuhliso lomntwana. Xa ootata betyisa, behlamba, bekhathalela yaye bedlala nabantwana babo rhoqo, aba bantwana badla ngokuzithemba kakhulu baze bakhe unxibelelwano oluqilima nabanye ngokulula. Ngokunjalo badla ngokwenza ngcono esikolweni naseyunivesithi yaye benze ubuhlobo nabanye ngokulula.



A good relationship between a father and his child has a deep and lasting impact on the positive development of a child. When fathers feed, bath, care for and play with their children regularly, these children tend to be more confident and build stronger relationships with others. They also tend to do better at school and university and form friendships with others more easily.



### Kubalungele abantwana!

Impembelelo embi yootata yokungaxibelelani rhoqo nabantwana babo ibonakala ngexesha abantwana beqalisa isikolo sabaqalayo. Aba bantwana, ngakumbi amakhwenkwe, badla ngokuba ndlongondlongo kwabanye abalingana nabo, nokuba lunjani na unxibelelwano noomama babo.



### It's good for the children!

The negative impact of fathers not interacting regularly with their children is evident by the time the children enter preschool. These children, and especially boys, tend to be more aggressive with others of their age, regardless of their relationship with their mothers.

Abantwana abanootata ababandakanyekayo ekubakhuliseni:

1. banezakhono ezingcono zokuthetha, zokuqonda nezokusombulula iingxaki. Ngokuya liba lininzi ixesha ootata abalichitha bedlala nabantwana babo, kokukhona bezuza amanqaku amahle kwiMathematika nokufunda.
2. banokuzilawula ngcono baze balawule iimvakalelo zabo nokuziphatha ngeendlela ezamkelekileyo ekuhlaleni. Ootata badla ngokucela umngeni kwimida yabantwana ngokubakhuthaza ukuba badel' ingozi kwindawo ekhuselekileyo, njengokulinga umdlalo omtsha, ukuhamba – nokuwa – kumqadi wokuxhathisa okanye ukwenza ubuhlobo nomntu omtsha.
3. bakholisa ngokuba nonyamezelo nomonde. Bangcono ekuqubisaneni namava oxinzelelo nokhathazeko, abafani bangene engxakini ekhaya, esikolweni nasekuhlaleni, yaye abafani babe lusizi ngokugqithisileyo kwaye babe noxinzelelo.

Children with fathers who are actively engaged in their upbringing:

1. have better language, cognitive and problem-solving skills. The more time fathers spend playing with their children, the better the children's math and reading scores are.
2. have better self-control and manage their feelings and behaviour in socially acceptable ways. Fathers tend to challenge their children's boundaries by encouraging them to take risks in a safe environment, like trying a new sport, walking on – and falling off – a balance beam or making friends with someone new.
3. tend to be more resilient and patient. They are better able to deal with stressful and frustrating experiences, are less likely to get in trouble at home, in school and in the community, and are less likely to become overly sad and depressed.



Drive your imagination





## Kumlungele utata!

Ukuba ngutata buyabutshintsha ubomi, kootata nakwiintsana. Nakuba kudinisa ukuba ngutata ngamanye amaxesha, kufanelene nolonwabo oza kulufumana kunxibelelwano lothando nomntwana wakho.

1. Ukuchitha ixesha nosana lwakho kuvuselela iindawo zengqondo ezivuselekayo xa useluthandweni. Ukudibana ngolusu nosana lwakho kwenza ukuba ingqondo yakho neyosana zikhuphe i-oxytocin, eyikhemikhali yendalo eyandisa iimvakalelo zothando nokubukana.
2. Ucwangciso ngokubaluleka luyatshintsha kumadoda xa enabantwana. Ootata ababandakanyeka ekukhathaleleni abantwana babo rhoqo, beva ulonwabo nokoneliseka xa benxibelelana nabantwana babo.



## It's good for the dad!


Fatherhood is life-changing, for dads and for babies. As tiring as being a dad is at times, it is worth the enjoyment you will get from a loving relationship with your child.

1. Spending time with your baby stimulates the same parts of your brain that are activated when falling in love. Having skin-to-skin contact with your baby makes your and your baby's brain release oxytocin, which is a natural chemical that increases feelings of love and affection.
2. Men's priorities change when they have children. Fathers who are involved with the care of their children regularly, experience happiness and satisfaction when they interact with their children.



## Iingcebiso ngokubandakanya ootata

1. **Thetha, funda uze uculele usana lwakho.** Iintsana sezisiva, ziqaphele amazwi kwiinyanga ezintathu zokugqibela zokukhulelwa, ngoko ke qala kwangoko uze uqhubeke lusakuba usana luzelwe!
2. **Yiya kutyelelo lukagqirha ukuba unakho.** Uya kuba nakho ukubona ukukhula nokuphuhla kosana lwakho uze uzive unxibelelene nomntwana wakho phambi kokuba azalwe.
3. **Xhasa imikhwa yempilo.** Njengabazali, yityani ukutya okunempilo yaye nikuphephe ukutshaya nokusela ngexesha lokukhulelwa. Oku kuza kwenza kube lula ukuqalisa nokonwabela ukuphila okusempilweni njengosapho.
4. **Yiba khona ngexesha lokulunywa nelokubeleka.** Ootata abaninzi bafumanisa ukuba ukuhlalana nosana lwabo kanye nje emva kokuzalwa kubanceda ukuba bancamathelelane neentsana zabo.



## Ideas to get dads involved

1. **Talk, read and sing to your baby.** Babies can already hear and recognise voices during the last three months of pregnancy, so start early and continue after the baby is born!
2. **Attend doctor's visits if you can.** You will be able to see your baby's growth and development and feel more connected to your little one before birth.
3. **Support healthy habits.** As parents, eat healthy foods and avoid smoking and drinking during pregnancy. This will make it easier to begin and enjoy a healthy lifestyle as a family.
4. **Be there for labour and delivery.** Many dads find that meeting their baby right after birth helps them bond with their babies.



## Siwasebenzisa njani amabali ethu ngeendlela ezahlukeneyo

1. **Balisela umntwana wakho ibali.** Lifunde ibali uze uziqhelanise nokulibalisa. Emva koko sebenzisa ilizwi, ubuso nomzimba wakho ukuze ubenze baphile abalinganiswa belo bali.
2. **Mfundele ibali umntwana wakho.** Ncokolani ngemifanekiso. Buza, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva kwale?" okanye "Ucinga ukuba kutheni lo mlinganiswa eye wathetha okanye wenza le nto?"
3. **Funda ibali kunye nomntwana wakho.** Tshintshisanani ngokufunda ibali. Ungamlungisi xa ephazamile, uze umncede kuphela xa ekucilele.
4. **Mamela umntwana wakho xa efunda.** Mamela ungamphazamisi. Mxelele ukuba uyakuthanda ukummamela xa ekufundela ngokuvakalayo.
5. **Yenzani imisebenzi ekwindawo ethi Yenza ibali linike umdla!** Ukwenza ezo zinto nabantwana bakho kuza kuba mnandi kuwe nakubo.

## How to use our stories in different ways

1. **Tell the story to your child.** Read and practise telling the story. Then use your voice, face and body to bring the story to life.
2. **Read the story to your child.** Talk about the pictures. Ask, "What do you think happens next?" or "Why do you think the character said or did that?"
3. **Read the story with your child.** Take turns to read the story together. Don't correct their mistakes, and only help if they ask for it.
4. **Listen to your child read.** Listen without interrupting. Say that you enjoy hearing them read aloud to you.
5. **Do the Get story active! activities.** This should be fun for you and your child.



Drive your imagination

# Yiba nobuchule!

EyeThupha yiNyanga yaManina!

**Landela amanyathelo angaphantsi ukwenzela inina olithandayo ikhadi loSuku lwaManina.**


1. Sika ulandele umgca onamachaphaza abomvu ukusika ikhadi.
2. Sika ikhadibhodi ecekethekileyo ebukhulu bungangomfanekiso wentyatyambo, umzekelo, kwibhokisi yesireli.
3. Sebenzisa iglu ukuncamathisela umfanekiso kwikhadibhodi.
4. Zoba ulandele imigca enamachaphaza entyatyambo, isiqu namagqabi.
5. Zoba ubuso bomama oza kufumana ikhadi embindini wentyatyambo.
6. Kwigqabi ngalinye, bhala igama elinye elimchazayo.
7. Bhala igama lakhe emagqabini.
8. Fakela imibala emfanekisweni.
9. Ungongeza amaqhosha, amaso, iziqwengana zeleyisi okanye iglitha ukuhombisa ikhadi lakho.

# Get creative!

August is Women's Month!

**Follow the steps below to make a Women's Day card for a woman that you love.**

1. Cut along the red dotted line to cut out the card.
2. Cut some thin cardboard the same size as the flower picture, for example, from a cereal box.
3. Use glue to paste the picture onto the cardboard.
4. Draw along the dotted lines of the flower, stem and leaves.
5. Draw the face of the woman that will receive the card in the centre of the flower.
6. In each petal, write one word that describes her.
7. Write her name in the leaves.
8. Colour in the picture.
9. You can also add buttons, beads, pieces of lace or glitter to decorate your card.



## Yandisa ithala lakho leencwadi.

Zenzele iincwadi **EZIMBINI** onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi- **5** ukuya kwele- **12** kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi- **5**, elesi- **6**, ele- **11** nele- **12** lwenza incwadi yokugala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi- **7**, **8**, **9** nele- **10** lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



## Grow your own library.

Create **TWO** cut-out-and-keep books

1. Take out pages **5** to **12** of this supplement.
2. The sheet with pages **5**, **6**, **11** and **12** on it makes up one book. The sheet with pages **7**, **8**, **9** and **10** on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



Drive your imagination



UAmber wancuma. Wayesazi ngokuqinisekileyo ukuba yena ufuna ukwenza ntoni. Wayeza kuhamba aze afumane indlu eneefestile zegolide.



Amber smiled. She knew exactly what she wanted to do. She was going to go and find the house with the golden windows.

Ngentsasa elandelayo, uAmber nodadewabo batya kunye isidlo sakusasa kwitafle encinci yasekhitshini. "Nina zintombi nobabini nisebenze nzima kakhulu," watsho umama wabo, "ngoko ke sicinge ukuba nobabini nibe nekhethu namhlanje. Ham bani niyokwenza nokuba yintoni eniyinqwenelayo!" "Ewe," watsho utata wabo. Nilonwabele usuku lwenunilusebenzise kakuhle.

UdadeboAmber watswina luchulumanco. "Zininzi kakhulu izinto endifuna ukuzenza! Andikwazi ukukhetha uba ndifuna ukwenza ntoni kuqala!" wazawaphuma ngobungxamo ekhishini.

The next morning, Amber and her sister had breakfast together at the tiny kitchen table. "You girls have both worked very hard," said their mother, "so we thought that the two of you should have a holiday today. Go and do whatever you wish!" "Yes," said their father. "Enjoy your day and use it well."

Amber's sister shrieked with excitement. "There are so many things that I want to do! I can't choose what I want to do first!" and she rushed out of the kitchen.

This story is an adaptation of *The Golden Windows* by Laura E. Richards. This story was specially created for Nal'ibali to spark children's potential through storytelling and reading for enjoyment.



Eli bali lulingiselo olutsha lwebali elithi *The Golden Windows* likaLaura E. Richards. Eli bali libhalwe ngokukhethekileyo ukuze uNal'ibali ancede abantwana bafikelele kuloo nto banokuba yiyo ngokubalisa amabali nangokufundela ukuzonwabisa.

### Get story active!

- ★ What do you love most about your home? Write a few sentences about the people or things in your home that you love.
- ★ If you could change one thing about your home, what would it be?
- ★ Draw a picture of your dream home.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Yintoni oyithanda kakhulu ngekhaya lakho? Bhala izivakalisi ezimbalwa ngabantu okanye izinto ozithandayo ekhaya.
- ★ Ukuba ubunokutshintsha into ibenye ngekhaya lakho, ingayintoni?
- ★ Zoba umfanekiso wekhaya lakho olinqwenelayo.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



Drive your  
imagination

## The house with the golden windows



### Indlu eneefestile zegolide

Kirstin Hartmann • Natalie Hinrichsen  
• Tamsin Hinrichsen

**Ideas to talk about:** What do you think the story is about when you read the title? Why do you think the house has golden windows? Who or what do you think lives in the house?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Ucinga ukuba ibali lingantoni xa ufunda isihloko? Kutheni ucinga ukuba indlu ineefestile zegolide? Ngubani okanye yintoni ocinga ukuba ihlala endlwini?



“Owu,” watsho uAmber. “Akwaaba bendihlala kwindlu enjeya. Ndiqinisekile banagumbi amakhulu nendawo eninzi kulaa ndlu. Inokuba ingcono kakhulu kuneyethu.” Ngobo busuku ke uAmber waphupha ngendlu eneestile zegolide.



“Oh,” said Amber. “I wish I lived in a house like that. I bet they have big rooms and lots of space in that house. It must be so much better than ours.” And that night Amber dreamed of the house with the golden windows.

Amber lived in a small, square house on a narrow street on the side of a hill. Her family all worked very hard. Her mother made beautiful dresses for women, and her father made smart suits for men.

UAmber wayehlala kwindlu encinci, esisikwere kwisitalato esimxinwa ecaleni kwenduli. Usapho lwakhe lonke lwalusebenza nzima. Umama wakhe wayesenzela oomama iilokhwe ezintle, yaye utata wakhe wayesenzela ootata iisuti ezintle.



As she walked along the road, she imagined what the house would look like up close. She had never seen real gold before. She walked for a long time until she finally arrived at the top of the hill. She was surprised to see that the house was not much bigger than her own home . . . and she could not see any golden windows. “Perhaps I should walk around the front,” she thought. She got to the front door but there was no gold at all. Njengoko wayehamba endleleni, waba nomfanekiso ngqondweni wokuba indlu yayiza kukhangeleka njani kufutshane. Wayengazange ayibone igolide yokwenene ngaphambili. Wahamba ixesha elide wade ekugqibeleni wafika kwinkcophoyi yendlu. Wamangaliswa kukubona ukuba indlu yayingenkulwanga kuyaphi kunekhaya lakhe . . . yaye zange abe nakuzibona iifestile zegolide. “Mhlawumbi mandihambe ndijikele ngaphambili,” wacinga. Wafika kumnyango ongaphambili kodwa kwakungekho golide tu.



Imibungu nayo ithanda amagqabi.




Caterpillars love leaves too.



Some children love bugs. But do they love all kinds of bugs?

This story was specially created for Nal'ibali to spark children's potential through storytelling and reading for enjoyment.



Abanye abantwana bayazithanda izinambuzane. Ingaba bazithanda zonke iintlobo zezinambuzane? Eli bali libhalwe ngokukhethekileyo ukuze uNal'ibali ancede abantwana bafikelele loo nto banokuba yiyo ngokubalisa amabali nangokufundela ubumnandi.

### Get story active!

- ★ Which bug in this story is your favourite one? Why?
- ★ Draw a picture of any bug that you like. Write a caption under your picture. Start like this: I love ...
- ★ Are you afraid of spiders? What important work do spiders do in our environment?
- ★ What can you say or do to teach your family and friends not to kill bugs unnecessarily.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Sesiphi isinambuzane osithanda kakhulu kweli bali? Ngoba kutheni?
- ★ Zoba umfanekiso waso nasiphi na isinambuzane osithandayo. Bhala intloko phantsi komfanekiso wakho. Qala ngolu hlobo: Ndiithanda...
- ★ Uyazoyika izigcawu? Ngowuphi umsebenzi obalulekileyo eziwenzayo izigcawu kokusingqongileyo?
- ★ Ungathini okanye wenze ntoni ukufundisa usapho lwakho nabahlobo ukuba bangazibulali izinambuzane xa kungeyomfuneko.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).



Drive your  
imagination

## Some children love bugs



## Abanye abantwana bayazithanda izinambuzane

Brigotte Naicker • Saskia Rezelman

**Ideas to talk about:** Do you love bugs? Why or why not? What important role do bugs play in our environment? What can we do to protect bugs in our environment?

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Niyazithanda izinambuzane? Ngoba kutheni okanye kutheni kungenjalo? Izinambuzane zidlala eyiphi indima ebalulekileyo kokusingqongileyo? Singenza ntoni ukukhusela izinambuzane kokusingqongileyo?






Some children love bugs ...  
Abanye abantwana bayazithanda  
izinambuzane ...



ARRGGGHHH!  
AAAHHHHRRH!







Spiders love ...  
Izigcawu zithanda ...

Ants love leaves.  
Iimbovane zithanda  
amagqabi.



And others do not!  
... kwaye abanye abazithandi!








Ladybirds love stems.

Uqongqothwane  
uyazithanda iziqu.



Ingosi nazo zithanda  
iintyatyambo.



Bees love flowers too.





Kanye ngoko inkwenkwana yavula ucango. UAmber indlu eneefestile zegolide ephhezu kophahla kokwabo. W'ayibuza ukuba yayisazi na ukuba yayiphi indlu.



Just then a small boy opened the door. Amber told the boy how she had seen the house with the golden windows from her rooftop. She asked him if he knew where the house was.

It was nearly dark when she got home. She could hear the happy voices of her mother, father and sister coming from inside. She felt happy to be home.

“Did you have a good day?” asked her father. Amber nodded.

“And did you enjoy your day?” asked her mother.

Amber smiled. “Oh yes!” she said. “And I learnt that we have such a lovely house,” she said, “and sometimes it has golden windows.”

Then they all sat down at the kitchen table, and Amber told them about her day and how happy she was to live in their small, square house on the side of the hill.

Kwakuse kuqalisa ukuba mnyama ukufika kwakhe ekhaya. Wayesiva amazwi onwabileyo kamama wakhe, utata nodadewabo endlwini. Waziva onwabile ukuba sekhaya.

“Uye wanosuku olumnandi?” wabuza utata wakhe. Wanqwala uAmber.

“Yaye uye walonwabela usuku lwakho?” wabuza umama wakhe.

Wancuma uAmber. “Owu ewe!” watsho. “Ndaye ndifunde ukuba sinendlu entle kakhulu,” watsho, “yaye ngamanye amaxesha ineefestile zegolide.”


Baza bonke bahlala etafileni yasekhitshini, waza uAmber wababalisela ngosuku lwakhe nokuba wonwabe kangakanani ukuhlala kwindlwana yabo esisikweri ecaleni kwentaba.

Ngenye imini, uAmber waba necebo. Yayilurhatya olumnandi lweHlobo, waza wagqiba kwelokuba athathe umthungo wakhe akhwele kuphahla olumcaba lwendlu yabo encinci esisikwere. Phezulu kophahla wayenokubona idolophu ngaphantsi yaye, kude, indlu. Kodwa endaweni yezindlu ezininzi *kulaa* nduli, kwakukho indlu nje enye eyakhawe encochoyini. Njengoko ilanga lalitsihona waye uAmber ewugqibile umsebenzi wakhe, ukukhanya okugolide kwatsala iliso lakhe. Yayiyindlu esencochoyini yenduli, yaye yayintle. Lifestyle zazibengezela oku kwegolide.

One day, Amber had an idea. It was a lovely summer evening, and she decided to take her sewing up to the flat roof of their small, square house. Up on the roof she could see the town below and, in the distance, a hill. But instead of lots of houses on *that* hillside, there was only one house built right on the top. As the sun went down and Amber finished her work, a golden light caught her eye. It was the house on the hilltop, and it was beautiful. The windows were shining like gold.







Because her mother and father were very good at what they did, many people asked them to make clothes. There was always a lot of work to do, so Amber and her sister helped their parents with the sewing. The two girls sat in the tiny bedroom they shared and worked together. But sometimes there was just not enough space for both of them AND the sewing, and they would start to argue.

Kuba umama notata wakhe babesebenza kakuhle kwizinto ababezenza, abantu abaninzi babebacela ukuba babenzele iimpahla. Kwakusoloko kukho umsebenzi omninzi, ngoko ke uAmber nodadewabo babebanceda abazali babo ngokuthunga. Iintombi ezimbini zazihlala kwigumbi lazo lokulala elincinci ezazisabelana ngalo zize zisebenze kunye. Kodwa ngamanye amaxesha kwakungabikho ndawo yonele bona bobabini KUNYE nomthungo, baze baqalise ukuxambulisana.



“Yes, I do!” he said excitedly. “You are looking in the wrong place. Follow me!” He took her to his favourite tree. “You can see it from up there.” He pointed to the highest branch. Together they climbed to the top of the tree. “Can you see it?” he asked. Amber was looking hard for the boy’s house. “No,” she said sadly.

“Ewe, ndiyayazi!” watsho ngemincili. “Ukhangelela kwindawo engeyayo. Ndilandele!” Yamthatha yamsa kumthi wayo ewuthandayo. “Ungayibona xa uphaya phezulu.” Wakhomba isebe elilelona liphhezulu. Bekunye bakhwela phezulu emthini. “Uyayibona?” wabuza. “Hayi,” watsho kalusizi. UAmber wakhangelisisa indlu yenkwenkwe.

The boy laughed. “Why are you looking at my house? Look over there...” and he pointed to the hill in the distance. It was the hill that Amber lived on.

She could see all the small, square houses on the side of the hill, and she could see her own house. The light of the setting sun had made the windows of her house shine a beautiful, bright gold.

“I see it!” she laughed.

“It looks like such a special place,” said the boy.

“It is,” she smiled, and they both climbed down from tree.

Yahleka inkwenkwe. “Kutheni ukhangelela indlu yasekhaya? Jonga phaya...” waza wakhomba endulini mgama. Yayiyinduli uAmber awayehlala kuyo.

Wakwazi ukubona zonke izindlu ezincinci ezisisikwere ecaleni kwentaba, yaye wakwazi ukubona indlu yakowabo. Ukukhanya kwelanga elitshonayo kwakwenze iifestile zendlu yakowabo zabengezela umbala ogolide omhle oqaqambileyo.

“Ndiyayibona!” wahleka.

“Ikhangeleka ngathi yindawo ekhetheke kakhulu,” yatsho inkwenkwe

“Kunjalo,” wancuma, baza bobabini behla emthini.



# Iincwadi zingabutshintsha ubomi bakho!



## Books can change your life!

 TheNalibaliChannel  nalibaliSA  @nalibaliSA  @nalibalisa  
 @nalibalisa  nalibalisa  The Nal'ibali Trust  +27 64 801 5496

*Nalibali*  
IT STARTS WITH  
A STORY.





# Amasela eebhanana




Libali likaThembinkosi Mabaso Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood

"Amasela!" wakhwaza watsho uGogo Matheni njengoko wayebaleka esiya ngakuThembi, intombi yommelwane wakhe. "Asesitiyeni sam, eba iibhanana zam! Ndiza kuthengisa ntoni emariken ngomso?"

"Uwabonile amasela, Gogo?" wabuza uThembi ekhathazekile.

"Ewe, ndiwabone ngala wam amehlo," waphendula uGogo. "Asesesitiyeni sam!"



"Mangaphi amasela aphaya?" wabuza uThembi.

"Maninzi! Ngumkhosi wonke," watsho uGogo ephelelwe lithemba.

"Umkhosi?" wabuza uThembi. Wayebhideke kakhulu.

"Ewe, umkhosi weenkawu. Zeba iibhanana zam ngoku sithethayo," watsho uGogo.

UThembi wacinga umzuzwana. Waza wathi, "Hayi ke, ukuba amasela ziinkawu, mna nabahlobo bam singanceda ukuzigxotha. Sibane yaye siza kuzigxotha iinkawu kungekudala."

"Kungakuhle oko!" watsho uGogo. "Ukuba niyazigxotha, ndawunibhakela esona sakha samnandi isonka seebhanana."

UThembi wacinga ukuba sisivumelwano esihle esi waza wabaleka ukuya kubiza abahlobo bakhe. Wabaxelela ngokukhawuleza ngamasela eebhanana nangesivumelwano asenze noGogo Matheni.

"Ukugxotha iinkawu ngembuyiselo yesonka seebhanana! Esinjani sona ukuba sihle isivumelwano!" watsho uTholi.

"Sendilungile," watsho uZozo evonyavonya iingalo zakhe ezibhityileyo.

"Ndiza kuba yinkokeli," wagwagwisa uDumi, oyena womelele ngaphezu kwabo bonke.

Nako behamba besiya kwisitiya seebhanana sikaGogo.

Njengoko babesondela, uDumi wenza umqondiso wokuba mabathi cwaka. Wakhangakhangele waza wakhomba isigcume semithi yeebhanana. "Naziya," wasebeza. "Masichole elowo amatyana ambalwa. Siza kuwagibisela ezinkawini ukuzigxotha."

"Andiqondi ukuba ngumbono omhle lowo," watsho uThembi. "Asifuni kuzonzakalisa iinkawu. Sifuna nje ukuba ziyeke ukuba iibhanana. Asimelwanga ukuba sigibisela amatye.

Kodwa uDumi zange afune ukuphulaphula. Wachola amatyana ambalwa waza wawagibisela ezinkawini. Amatye athi tshwi emoyeni, kodwa ngethammsanqa uDumi wayengajolisanga kakuhle aze amaninzi amatye awela emhlabeni okanye achana imithi yeebhanana. Oku, nangona kunjalo, kwazoyikisa iinkawu zaza zaqalisa ukuzilwela ngokugibisela abantwana ngeebhanana ezivuthiweyo!

Ukujolisa kweenkawu kwaba ngcono kunokukaDumi yaye kungekudala abantwana babegqunywe ziibhanana ezivuthiweyo. "Balekani!" wakhwaza uZozo.

Xa abantwana abane babekude ngokwaneleyo nesitiya, bema ukuze baphefumle.

"Ndikuxelele ukuba ibingelocebo lihle elo," watsho uThembi.

"Bendicinge ukuba iinkawu ziza kubaleka," watsho uDumi.

"Ingaba loo nto ithetha ukuba asizukufumana sonka seebhanana?" wabuza uTholi. Abahlobo bakaThembi bakhangeleka bekhathezekile yile ngcinga.

"Isivumelwano sisekhona ukuba sizigxothile iinkawu," wabaqinisekisa uThembi. "Makhe silinge elam icebo."

UThembi wachaza ngokukhawuleza, "Ndicinga ukuba masenze ingxolokazi kangangoko kunokwenzeka. Iinkawu ziza koyika zize zibaleke."

Wonke umntu wavuma baza bakhawuleza bagoduka ukuya kuthatha iimbiza ezindala, amacephe, iitoti nemitya. Benza imingxunyana ezitotini baze babophelela izijungwana zemitya kuwo ngamnye. Baze bahamba.

Ukufika nje kwabo esitiyeni, benza ingxolokazi kangangoko babenakho.

NKQE, NKQOM, NKQE! yatsho njengoko uTholi no Dumi babebetha iimbiza ngamacephe abo. KROQO, WALAKAHLA, KROQO! yatsho njengoko uThembi noZozo babekroxozisa iitoti.



Yashukuma imithi njengoko iinkawu zazizama ukubaleka. Ukutswina kwazo kwenza yaninzi ngakumbi ingxolo! Iinkawu zasibaleka isitiya yaye kungekudala zaba ngamachaphazana nje mgama.

"Sikwenzile!" abahlobo abane bakhwaza. Bonke babezingca ngabo.

Waza uDumi wathi, "Kodwa kuza kuthini ukuba iinkawu zibuyile ngomso?"

"Siza kubophelela iitoti kwimithi yeebhanana," watsho uThembi. "Zize xa iinkawu zizama ukukhwela emithini okanye ukuba umoya uyavuthuza, iitoti ziza kukroxozisa yaye zizoyikise zizigxothile iinkawu."

Ngoko ke benza kanye ngolo hlobo. Njengoko abahlobo abane babesishiya isitiya, babeziva iitoti zikroxozisa njengoko umoya wawuvuthuza emithini.

UGogo Matheni wayonwabe kakhulu uba amasela ayehambile yaye kungekudala ikhitshi lakhe lalinuka kamnandi. Njengoko wayephuma nepleyiti enqongiswe sisonka seebhanana, wabona ubuso obune obonwabileyo bumncumele. Abantwana ngokuqinisekileyo babewulungele umvuzo wabo!

## Yenza ibali linike umdla!

- ★ Wakha wasitya isonka seebhanana? Uyasithanda okanye ucinga ukuba singamnandi? Zeziphi ezinye iziqhamo ezinokubhakwa zenze ikeyiki?
- ★ Bhala iresiphi yesidlo esisebenzisa iziqhamo. Zoba umfanekiso wesidlo sakho. Mhlawumbi omnye umntu uya kusenza.

- ★ Ucinga ukuba iinkawu zikrelekrele? Kubonakala ngathi ziyakuthanda ukwenza intloni nokutya iibhanana! Kutheni ungalingi ukwenza imodeli yomdongwe okanye intlama yokudlala yenkawu ibambe iibhanana?



Drive your  
imagination





# The banana thieves

By Thembinkosi Mabaso ■ Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood



"Thieves!" cried Gogo Matheni as she ran towards Thembi, her neighbour's daughter. "They are in my plantation, stealing my bananas! What am I going to sell at the market tomorrow?"

"Did you see the thieves, Gogo?" Thembi asked concerned.

"Yes, I saw them with my own eyes," answered Gogo. "They are still in my plantation!"



"How many thieves are there?" asked Thembi.

"Many! A whole troop," Gogo said in despair.

"A troop?" asked Thembi. She was very confused.

"Yes, a troop of monkeys. They are stealing my bananas as we speak," said Gogo.

Thembi thought for a moment. Then she said, "Well, if the thieves are monkeys, then my friends and I can help chase them away. There are four of us and we'll chase the monkeys away in no time."

"That would be wonderful!" said Gogo. "If you chase them away, I will bake you the most delicious banana bread."

Thembi thought this was a great deal and ran to fetch her friends. She quickly told them about the banana thieves and the deal she had made with Gogo Matheni.

"Chasing monkeys in return for banana bread! What a great deal!" Tholi said.

"I'm ready," said Zozo, flexing his thin arms.

"I will be the leader," boasted Dummi, the strongest of them all.

So off they went to Gogo's banana plantation.

As they drew near, Dummi signaled for them to be quiet. He looked around and then pointed to a clump of banana trees. "There they are," he whispered. "Let's all pick up a few stones. We'll throw them at the monkeys to chase them away."

"I don't think that's a good idea," said Thembi. "We don't want to hurt the monkeys. We just want them to stop stealing the bananas. We shouldn't be throwing stones."

But Dummi would not listen. He picked up a few small stones and hurled them at the monkeys. The stones zipped through the air, but luckily Dummi did not aim very well and most of the stones fell on the ground or hit the banana trees. This did, however, give the monkeys a fright, and they started to fight back by throwing ripe bananas at the children!

The monkeys' aim was much better than Dummi's, and soon the children were covered in ripe banana. "Run!" shouted Zozo.

When the four children were far enough away from the plantation, they stopped to catch their breath.

"I told you that wasn't a good idea," said Thembi.

"I thought the monkeys would run away," said Dummi.

"Does that mean we won't get any banana bread?" Tholi asked. Thembi's friends looked quite concerned at this thought.

"The deal is on if we chase the monkeys away," Thembi reassured them. "Let's try my idea."

Thembi quickly explained, "I think we should make as much noise as possible. The monkeys will get a fright and run away."

Everyone agreed and they rushed home to fetch old pots, spoons, tins and string. They made small holes in the tins and tied bits of string to each one. Then they set off.

As soon as they reached the plantation, they made as much noise as they could.

*BAM, BAM, BAM!* it went as Tholi and Dummi beat the pots with their spoons. *CLANG, CRASH, CLANG!* it went as Thembi and Zozo rattled the tins.



The trees shook as the monkeys tried to get away. Their screeching made the noise even worse! The monkeys fled the plantation and were soon little dots in the distance.

"We did it!" the four friends shouted. They were all very proud of themselves.

Then Dummi said, "But what if the monkeys come back tomorrow?"

"We'll tie the tins to the banana trees," said Thembi. "Then when the monkeys try to climb the trees or if the wind blows, the tins will rattle and scare the monkeys away."

So that is exactly what they did. As the four friends left the plantation, they could hear the tins rattling as the wind blew through the trees.

Gogo Matheni was very happy that the thieves were gone and soon her kitchen smelt delicious. As she walked outside with a plate stacked high with banana bread, she saw four happy faces smiling up at her. The children were definitely ready for their reward!

## Get story active!

- ★ Have you ever eaten banana bread? Do you like it or think it would taste good? What other fruits can be baked into cakes?
- ★ Write a recipe for a dish that uses fruit. Draw a picture of your dish. Maybe someone will make it!

- ★ Do you think monkeys are cute? They seem to like getting up to mischief and eating bananas! Why not try to make a clay or playdough model of a monkey holding a banana?



# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Nal'ibali fun



1.

Kwibali Indlu eneefestile zegolide uAmber nenkwenkwana baba ngabahlobo. Ucinga ukuba benza ntoni kulo mfanekiso? Yongeza ezinye izinto kumfanekiso ukubonisa loo nto ucinga ukuba bayayenza. Ngokunjalo yongeza amaqam entetho. Uze ubhale izivakalisi ezimbalwa ngomfanekiso wakho.

In the story *The house with the golden windows* Amber and a little boy become friends. What do you think they are doing in this picture? Add other things to the picture to show what you think they are doing. Also add some speech bubbles. Then write a few sentences about your picture.




---



---



---

2.

★ Uyawazi amagama ale mibungu? Lungelelanisa aba nobumba ukufumanisa ukuba zintoni.

★ Do you know the names of these bugs? Unscramble the letters to find out what they are.

A.



isinyo ● ebe

---



---

B.



umngubu ● tacerllpiar

---



---

C.



ibhanebhatha ● tertubylf

---



---

D.



ivambone ● nta

---



---

E.



isiwugca ● sderpi

---



---



AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:



TheNalibaliChannel



nalibaliSA



@nalibaliSA



@nalibalisa



@nalibalisa



nalibalisa



The Nal'ibali Trust



+27 64 801 5496

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by ZabeNguni Media (Pty) Ltd. Nal'ibali character illustrations by Rico.

UMLAZI  
EYETHU

POLOKWANE  
OBSERVER



Drive your  
imagination

